

IZINGQI

THE OFFICIAL NEWSLETTER OF SAFDA
NOV 2023-JAN 2024



RV Price November 2023: R 7 492,61 (an increase of R35,55 per ton of RV when compared with the previous month) "d" factor 0,508278



CONTENTS



- 3-4** ISAFDA Isungula i-SAFDA Airtime/Funeral Cover
- 5-6** INCORA 2022/2023 harvesting season
- 7-9** Ukuphinda kuqwalaselwe iiKomishoni zeNkomfa ye-SAFDA yoBuyiselo loMhlaba
- 10** Ifuthe lokunyuka kwamaxabiso amafutha kumafama
- 11-12** Uhlaziyo lweFPSU
- 13-14** I-SAFDA iye yakunye noSekela Mphathiswa wezoLimo, ukuBuyiswa koMhlaba noPhuhliso IwamaPhandle, oHloniphekileyo uMcebisi Skwatsha, kwindibano yothethathethwano nabachaphazelekayo nababanga umhlaba waseNcora.
- 15-16** ILethesethu Farming (Pty) LTD ifumana umnikelo we-R70 000 kuGqirha Siyabonga Madlala kwindibano yabalimi baseMacambini.
- 17-18** Ukuxhobisa isiZukulwana esiLandelayo: Ukuzibophelela kwe-SAFDA kwiMfundu yezoLimo
- 19-20** Ixabiso le-RV leThutyana
- 21-23** I-SAFDA kwiForam yeAGOA yama-20

ISAFDA ISUNGULA I-SAFDA AIRTIME/FUNERAL COVER



iSAFDA yaqalisa iphulo elitsha,
isebenzisana neenkokeli
zamashishini aziwayo ukuze
iqubisane nezi mfuno
zahlukileyo ngesisombululo
esiyilwe ngendlela
ephucukileyo.



Ngomhla ka-30 Septemba 2023, iSAFDA, ibambisene namashishini amakhulu aquka uSanlam, uMTN, uDiscovery, uSamsung, kune noHuawei, isungule iphulo eliyinguqu eliyilelwu ukuxhobisa amafama aseMzantsi Afrika - iSAFDA Airtime Product/Funeral Cover. EMzantsi Afrika, kudala amafama ejongene nemingeni eyodwa yokungakwazi ukufikelela kwiinkonzo ezibalulekileyo. Ikuqonda

oku, iSAFDA yaqalisa iphulo elitsha, isebebzisana neenkokeli zamashishini aziwayo ukuze iqubisane nezi mfuno zahlukileyo ngesisombululo esiyilwe ngendlela ephucukileyo.

I-SAFDA Airtime Product ixhasa umlinganiselo wenkcitho kwi-airtime nyanga zonke kumafama ukuze ababonelele ngoluhlu olubanzi lweenkonzo eziyimfuneko.

Eyona nto iphambili, eli phulo liqinisekisa ukufikelela okunokuthenjwa kwe-airtime kumafama, okuvumela ukubaluleka konxibelewano. U-Samsung no-Huawei babonelele ngeeselfowuni ngesisa, kune ne-inshorensi yeselula evela ku-PSG Wealth, ukuqinisekisa ukuba amafama ahlala eqhagamshelwe kwiindawo zabo nakwimithombo yowlazi olubalulekileyo.

Kwihiabathi lanamhlanje Inkalo ebalulekileyo yale

elinedijithali
ukufikelela
kubaluleke
esiyilwe
ngendlela

eyandayo,
kwinkcazel
ngokulinganayo.
Eli phulo liqinisekisa ukuba
amafama
aneendlela
zokufikelela kwimithombo



ye-intanethi, ephuculaindlela
abasebenza ngayo kulimo
baze bakwazi nokufikelela
kwinkazelo.



mveliso kukubandakanya wa kukamasingcwabane yi-SAFRICAN, ephantsi kukaSanlam. Olu khuseleko luqinisekisa ukuba, ngamaxxesha elahleko, imithwalo yezemali iyaphungulwa, inike uxolo lwengqondo kumafama neentsapho zavo.

Ukongezelela, i-SAFDA Airtime Product ibonelela ngofikelelo kwi-Discovery Primary Care, esebezena njenge-medical aid exabisekileyo kumafama. Oku akujongananga nje neemfuno zokhathalelo lwezempiro kodwa kunegalelo ekuphuculeni impilontle ngokubanzi.

Umsitho wokusungula ngokusesikweni obubanjelwe KwaShukela, 170 Flanders Drive, Blackburn Estate, Mount Edgecombe ubeyimpumelelo engathethekiyo. Abantu ebebekhona bazibonele ngokwabo ukuba i-SAFDA Airtime Product ithembisa ukwenza umahluko obonakalayo kubomi bamafama aseMzantsi Afrika.

I-SAFDA ihlala izibophelele ekuxhaseni nasekuxhobiseni amafama aseMzantsi Afrika, kwaye le mveliso ibubungqina boko kuzinikela.



NCORA 2022/2023 HARVESTING SEASON



Dr Phiwe Jiba
Project Advisor



Ixesha lika-2022/2023 belihamba kakuhle kakhulu kubalimi kwiNcora Irrigation Scheme. Ixesha liqale ngendlela eqaqambileyo ngombona otyheli, ngokuqhelekileyo okhangeleka kakuhle. Ngokukasihlalo weCPA, uMnu. Ace Thosholo, kwiikhettare ezingama-25 ezilinywe umbona otyheli, iitoni ezingama-72 zombona ziye zasiwa kwiFama yeAmadlelo Dairy nto leyo eyenze ingeniso exabisa i-R274 680.00. I-Amadlelo Dairy Farm isebeenzise ixabiso eliphumelelayo le-SAFEX lombona otyheli elimalunga ne-R3 815 njengexabiso labo



Umbona ulinywa eMzantsi Afrika ukususela ngoOkthobha ukuya ekuqaleni kukaJanuwari owona mhla wokutyalu uxhomekeke ekufikeni kweemvula. Elona xesha lifaneleke kakuhle lokutyalu umbona empuma liqala ngoOkthobha 1 ukuya kuNovemba 30, ngelixa okona kutyala kufanelekileyo entshona kuqala ngoNovemba 20 ukuya kuDisemba 31. Ukulima entshona kunokude kwandiswe ukuya kufikelela embindini kaJanuwari ukuba amaxesha eemvula afike emva kwexesha. Ngokuqhelekileyo, uninzi lweendidi zombona zinomjikelو wobomi weentsuku ezili-100 ukuya kwezili-120 ukususela ekulimeni ukuya ekuvuneni. Nakubeni kunjalo, elona xesha lichanileyo lokuvuna lichatshazelwa kakhulu zimeko zokusingqongileyo kunye nezinye izinto, ezifana nokuphela kokusetyenziswa kwemveliso.

Ixesha lika-2022/2023 belihamba kakuhle kakhulu





lentengiso. Baqeshe abahlali abangama-20 kubahlali baseNcora kwaye umtu ngamnye kubo ebefumana umvuzo oyi-R500 veki nganye. Suku ngalunye babehlawulwa i-R100, besebenza ukususela ngo-08h00 ukuya ngo-17h00 emva kwemini. Umbona otyheli ovuniweyowawugcinwakwigadi esemva kwendlu kasihlalo kwaye ukuba awugcinwa okanye ulungiswe kakuhle, umbona otyheli ungonakala okanye ungakwazi ukutyiwa ngabantu okanye izilwanyana.

Iprojekthi yeMzola Agro-mix iye yasebenzisa indlela yokuvuna ngesandla. Ukongezelela, ukuvuna ngesandla kwenziwa kuphela kumasimi amancinane kakhulu okanye kwizitiya apho umbona ulinywa ubukhulu becalo ukuze usetyenziselwe iimfuno zobuqu (ukutyiwa ngabantu) okanye njengokutya kwezilwanyana zeAmadlelo Dairy. Le ndlela ayizongi indleko okanye yonge ixesha kuba umntu omnye uya kudinga iiyure

ezingama-30 ukuya kwezili-100 ukuvuna ihektare enye yezityalo zombona.

I-SAFDA ne-CPA banqwenela ukuba nabo aba matshini bokuvuna, okanye babaqeshe baze babe nomntu wokubasebenzisa onamava ngexesha lokuvuna elizayo kuba indawo elinyiwego iza kongezwa ibe ziihektare ezili-100. Ubukhulu becalo, umbona uvunwa ngoomatshini, kusetyenziswa oomatshini bokubhula, ukuchuba, okanye bedibene. Ukungaphathwa kakuhle kombona ngexesha lasemva kokuvuna kunokuwuchaphazela kakhulu umgangatho wawo.

Ingcebiso zexesha lokuvuna elilandelo

- Ukuqinisekisa ukuba banendawo yokugcina esemgangathweni eyakhiwego ngaphambi kokuba kuqaliswe ukuvunwa. Nokuba sisakhiwo

esitshintshiwayo.

- Ukuqinisekisa ukuba izikhwebu zomiswe ngokwaneleyo ngaphambi kokuba kuqaliswe ukubhula.

- Ukugcina umbona ocoliweyo kwigumbi elikhuselekileyo, nelomileyo. Ukuba uceba ukugcina umbona kangangexesha elithile luqheliselo oluhle kuyinto elungileyo ukubulala izinambuzane kumbona ngeepilisi zokubula izinambuzane uze uzigqume iingxowa ngeseyile.

Nawuphi na umzamo omncinane abawenzayo unokwenza umahluko omkhulu kubungakanani kunye nomgangatho womboma abawuvelisayo nabawuvunayo. Xa amaxabiso ephantsi njengoko ngoku kunjalo ngokomyinge wexabiso le-SAFEX, zonke ezi zinto zingenza umahluko omkhulu xa kufikwa kwinzozo.



Iprojekthi yeMzola Agro-mix iye yasebenzisa indlela yokuvuna ngesandla.

UKUPHINDA KUQWALASELWE IIKOMISHONI ZENKOMFA YE-SAFDA YOBUYISELO LOMHLABA



Nkosinathi Phakathi
Senior Agricultural Economist
responsible for Land Reform and
also works as an FPSU Manager

Ikhwelo longenelelo Iwe-South African Farmers Development Association (SAFDA) kumba wobuyiselo lomhlaba lithathe utshintsho oluncomekayo kunyaka ka-2019 xa lo mbutho wazimisela wona ngokwawo ukusingatha inkomfa yobuyiselo lomhlaba eWhite River, eNelspruit, kwiPhondo laseMpumalanga. ukususela nge-24-25 Septemba 2019. Uninzi lwamahlakani aphambili aye azenza afumaneka aze athatha inxaxheba kwiingxoxo. Bekukho imiba eliqela ngaphambi kwenkomfa eye yachongwa njengengxaki xa

bekujongwe umba weprojekthi zokuguqulwa kobunini bomhlaba kushishino lwaswekile, kodwa ingqalelo ibikwiiprojekthi zokuGuqulwa Kobunini boMhlaba eMpumalanga (i-Community Property Associations-CPA's nakwii-Community Trusts). Lenkomfa yayizinyaswe ngabo bosibhozo abafaki bango kwiMpumalanga Land Reform Restitution. I-Matsamo CPA, i-Mawewe CPA, uMhlaba Trust, i-Libuyile Community Trust, Ingwenyama Simhulu Trust, i-Bambanani Mlambo Trust (BMT), i-Mjejane Trust, kunye neProjekthi yoBuyiselo loMhlaba ye-RCL sugar eliphulo lombona, iSiyathuthuka Estate Farm.

Inqalelo yale nkomfa yayikwintsebenziswano phakathi kwabafaki bango kunye namahlakani abo ngokukodwa amahlakani angamashishini adibeneyo adla ngokusekwa phakathi kwabafaki bango kunye nabo babefudula bengabanini mhlaba abamhlophe. Usuku lokuqala lwale nkomfa lujolise ekuhloliseni amahlakani

obuyiselo ahlukahlukeneyo, ingakumbi amashishini adibeneyo ukuze kuqondwe ukuba ngoobani abaye baxhamla kulo mzekelo. Kubunkokeli obusuka kubafaki bango, amahlakani e-JV kwafuneka Abelane ngamava abo ngokubonakalisa imizekelo yabo yemveliso, iinzoso ezifunyenweyo, uqheliselo Iwekhonko lexabiso, uphuhliso Iwezakhono nokuxhotyiswa, ulawulo Iwee-JV kunye namaqumrhu abambe imihlaba. Usuku lwasibini luye lwajoliswa kumaphulo ahlukeneyo aqhutywa naxhaswa ngurhulumente necandelo labucala ukukhulisa uqoqosho lwengingqi. Ukwaziswa kwezilimo zexabiso eliphezulu kubuyiselo lomhlaba kunye nesithuba seSSG, amathuba okuqhubekekisa imveliso yezolimo, kunye namathuba emveliso asekelwe kushishino Iwezolimo. Ujoliso lweli nqaku luthatyathwe kwiindibano zeekomishoni eziye zabunjwa ngamaqela amancinane ngexesha lenkomfa yeentsuku ezimbini kwayelujonga inkqubela, kunye nezithintelo

kupuhliso Iweminyaka emine emva kwengqungquthela yembali ye-SAFDA yokuBuyiselwa koMhlaba.

I-SAFDA yaziswa okokuqala eMpumalanga ngonyaka ka-2017 kwaye yaqala ukusebenza ngokusesikweni ngonyaka ka-2018. Kunyaka wokuqala wemisebenzi ye-SAFDA eNkomazi, imingeni emininzi enxulumene nendlela iiprojekthi zokubuyiselwa komhlaba, iiprojekthi zokunikezelwa komhlaba ezilawulwa neziqhutywa ngayo. Imiba emininzi iphakanyiswe ziiprojekthi ngexesha lemiboniso yazo ebibandakanya ukunqongophala kokuthatha inxaxheba kwikhonco lexabiso kuluntu oluxhamlayo, inqanaba eliphezulu lamalungiselelo lamatyala oshishino Iwe-JV, ukungabikho kwabasebenzi abanamava (abasuka kuluntu) abathatha inxaxheba kulawulo lweefama kunye nezikhundla zesigqeba nezokwenza iziggibo, ukungabikho kwenkxaso yasemva kokuhlaliswa emva nje kokudlulisewa komhlaba, ukungabikho kwezcwangciso zokdlulisewa kwezakhono, nenqubela ecothayo enxulumene nenqubo yokunikezelwa komhlaba ukukhankanya nje ezimbalwa.

Ubume bangoku bokubuyiselwa komhlaba

Icandelo lokubuyiselwa komhlaba kwinginqo yommandla olima iswekile eNkomazi libone ukuhla ngenxa yemicelimngeni emininzi kule minyaka mi-3 idlulileyo. Iiprojekthi ezintathu zokunikezelwa komhlaba zibe notshintsho kubume bolawulo ngenxa yeemeko e bezingalingdeleka nangaebe ebezisuka ekudluliseweni kweenkokeli zeeprojekthi kunye nengxabangxaba ezidalwe ngamaqela achaphazelekayo, edala umsantsa kumacandelo obunkokeli kwiiprojekthi ezichaphazelekayo. limeko ezingenakuthelekiswa nanto

zidale ukungazinzi kumacandelo obunkokeli kwezi projekthi nangona ezinye zibuyela kwimeko entle, indlela yokubuyiselwa ithatha ixesha elide kwezinye zezi projekthi. Kwiiprojekthi ezisibhizo zokubuyiselwa komhlaba ezithathe inxaxheba kwinkomfa yelndaba ye-SAFDA yokuBuyiselwa koMhlaba, zine kuphela ezisasebenzayo lo gama ezinye zisazama ukubuyiselwa kwimeko entle, kwaye ezinye zibekwe phantsi kolawulo.

Ukuhlaiziywa zeNkomfa yokuBuyiselwa koMhlaba

Inkomfa ye-SAFDA yokuBuyiselwa koMhlaba ivelise iziqhamo ezithile kunye neqela leekhomishini kunye namanyathelo oko. Le nkomfa ivelise iiseti ezintlanu zeekomishini. IKomishini yoku-1 ibijolise kulawulo IweZivumelwano zeNtsebenziswano eDibeneyo.

Ngaphantsi kwenyathelo loku-1 lekhomishini elifana nokuhlolisawa kwezivumelwano zangoku ze-JV, ukuhlolisawa ukwakheka kobunini be-JV, ukuhlolisawa kokulingana nebalansi ngokubhekisele kulawulo kunye nokuthatha inxaxheba, ukuhlolisawa kweenkqubo zokuqeshwa kwabasebenzi kunye nemigaqonqubo yangaphakathi kwii-JV, ukuncitshiswa kweendleko zokusebenza ze-JV kunye nokubekwa ndawonye kweenkonzo zenkxaso.

IKomishini yesi-2 iye yajolisa kuhlengahlengiso Iwamatyala asemthethweni emva kwenkqubo yophicotho zincwadi Iwemalimbboleko kunye neendlela ezithile ebezungiselewe ukuhlolisawa kwakhona kwentsebenziswano. Amanyathelo amaninzi okuzama ukunciphisa umlinganiselo wenqanaba lamatyala kuninzi lommiselo we-JV kwakufuneka athatyathwe apho i-SAFDA iya kuzama ukuthetha namasebe karhulumente i-South African Reserve Services (SARS) kunye neSebe Iwamaphandle noBuyiselo

IoMhlaba (DRDLR) ngethemba lokuzama ukufumana ungenelelo loncedo Iwamatyala kwii-JV enamatyala amakhulu. I-SAFDA yayiza kuthetha neDRDLR ukuze incedise ngemali yemveliso phantsi kwale komishini.

- IKomishini yesi-3 iye yajolisa kumanyathelo alungiselelw ekuphuculwa kophuhliso Iwezakhono kumiselo Iwe-JV ukuze uluntu lukwazi ukuthatha iziggibo kwimisebenzi. Ngethuba ale nkomfa kwafunyaniswa ukuba kweminye imibutho ye-JV, izicwangciso zophuhliso Iwezakhono zibhalwe phantsi qha kwaye eminye ayinazo kwaphela. Imfuno yophicotho Iwezakhono iye yaphakanyiswa yaza yamiselwa yi-SAFDA kunye nethuba lokuseka ipaneli yokubeka iliso nepaneli yokuhola enoxanduva kuphela kwiiprojekthi zoluntu kuphuhliso Iwezakhono.

- IKomishini yesi-4 iye yajolisa kuphuhliso Iwamashishini kunye nothatho nxaxheba okunentsingiselo ngokwezimali koluntu kwimisebenzi yentsebenziswano. Lingxoxo ezsuka kwimiboniso yeeprojekthi zoluntu ziveze ukuba akukho ntathonxaxheba okunentsingiselo kwimvelisoyomoba kwaye akukho zicwangciso zexesha elizayo koosomashishini baseluntwini ukuba bangene kumathuba okhonko Iwamaxabiso aziswa ngamahlakani. N j e n g a m a n y a t h e l o okukhawulelana nolu celomngeni kuye kwafuneka ukuba amahlakani aze nezicwangciso zophuhliso Iwamashishini. Izcwangciso zophuhliso loshishino zaziza kuqulunqwa kuze kwabelwane ngazo noMEC woPhuhliso IoQoqoshko kwiphondo. Amathuba ohlukahlukeneyo aye aphononongwa.

- IKomishini yesi-5 iye yajolisa kulawulo lokubamba umhlaba kunye namaqumrhu oshishino kunye nenkalo yophuhliso loluntu Iwentsebenziswano. Imboniso ngeeprojekthi zoluntu

iveze ukuba uninzi lwezahlulo ezhlawulwe kubaxhamli ziye zehla kwaye uninzi lwazo ziphuma kwirenti zomhlaba kodwa ingeyiyo ingeniso yentsebenziswano. Amanyathelo okujongana nomba weKomishini yesi-5 ibe kukusekwa kolamlo kune nephaneli yokusombulwa ungquzulwano ukuze incidise kwimiba yangaphakathi neyangaphandle.

Iziphumo ezincumisayo kwiminyaka emine emva kwenkomfa.

Onke amanyathelo ekomishini yenkomfa yeSAFDA yokuBuyiselwa koMhlaba ye-SAFDA aye ngelishwa achatshazelwa ngubhubhani wehlabathi we-Covid 19. Ilizwe lavalwa phantsi kothintelo kwintshukumo neendibano. Izithintelo kwiintshukumo zichaphazele kakubi uqoqoshlo lwehlabathi kuneenqubo zolawulo, ngenxa yoko amanye amanyathelo avela kwezinye iikomishini akabanga nakuphunyeza. Nakubenit kunjalo, kukoziintezincumisayo ngaphandle kwemicelimingeni yenqubela phambili ebangelwe ngubhubhani we-Covid 19.

Ngethamsanqa, unyaka ka-2018/19 ibe ngunyaka isebe lezolimo (DALRRD) elie lazisa ngawp inkubo yeNkxaso yoPhuhliso loMhlaba (LDS) emva kokuba iNkubo yokuThengiswa ngoKutsha noPhuhliso (RECAP) yayekwa kunya ka-2017/18. Ukwaziswa kwe-LDS kuye kwangqamana neminye imixholo exoxwe kwiikomishini ngexesha lenkomfa kuquka nophuculo kwinkalo yoncedo lwemali lisebe. Nangexesa lobhubhani wehlabathi we-Covid-19, i-SAFDA iye yakwazi ukungenisa izicwangciso zoshishino ze-LDS ukuze incidise kwiiprojekthi ezimbini zoLuntu iBambanani Mlambo Trust kune ne-Matsamo CPA ezithe zaneziphumo ezincumisayo. Isicwangciso soshishino se-BMT siye samkelwa ngaphambi

kokuala kwe-Covid-19 saze saphunyeza ngempumelelo ngexesha le-Covid 19 ngoxa iMatsamo CPA nayo yahlaziya yaze yangeniswa ngexesha le-Covid 19 kwaye yafumana imvume emva nje kwe-Covid 19. Inkubo ye-LDS inikezelwa kuhela kwiiprojekthi ezilawulwa ngabahlali kangange-100 leepesenti kwaye oko kuhuthaza ukuzilawula kweefama (uluntu ngoku bayayeka ukwenza intsebenziswano engeyonzuoz eluntwini).

Inkubo yokwabiwa komhlaba yaphinda yamisa ngubhubhani wehlabathi we-Covid-19, kodwa siye sabona udluliselol oluyimpumelelo olwenzekayo kwiiprojekthi ezintathu zokubuyiselwa komhlaba eNkomazi. Uninzi Iwamanyathelo ekomishini ye-SAFDA kwinkomfa yokuBuyiselwa koMhlaba yelndaba nawo aye amiswa kodwa kukho izinto ezincumisayo eziquka iinkubo zokuphunyeza kwezicwangciso zoShishino Iwe-LDS, iiworkshop zokuxhobisa ubuNkokheli beeProjekthi zoBuyiselwa koMhlaba kune noqequeso kuLawulo IweMali noLawulo oluye Iwalandela kungekudala kwinkomfa ka-2019.

IBambanani Mlambo Trust kune neMatsamo CPA isezezonaprojekthi zenza inkubela ebonakalayo ekuzameni ukuphumeza izisombululo zenkomfa. Iiprojekthi ngoku zizilawula ngokwazo iifama ezsanda kudlulisewa. Sikwabona ukuthatha inxaxheba kwikhonko lexabiso kwiikontraka zoluntu kwezinye zeeprojekthi zoluntu. Indlela ekuyilwe ngayo abaphathi abaphezulu kwezinye zezi projekthi nako kuhindwe kwajongwa kwaze kwahlaziya ingakumbi kwiiprojekthi ezinemiba embalwa.

i-SAFDA inikwe ithuba lokuncedisa kwiiprojekthi ezininzi zokubuyiselwa komhlaba kunya-mali ka-2023/24 phantsi kwenqubo ye-LDS. Umsebenzi we-SAFDA

uyakhula ngaphaya kweshishini leswekile ngeeprojekthi ezintsha zemveliso ezininzi ezincediswa yi-SAFDA ukusuka eBarberton phantsi koMasipala waseMjindini. Iiprojekthi ezimbini ezingakumbi zokubuyiselwa komhlaba zoMasipala waseNkomazi zikulungele ukuxhamla kwinkubo ye-LDS kwakhona kulo nyaka-mali, uvavanyo lweefama, izicwangciso zoshishino kune nezicwangciso zophuhliso loluntu zilungisiwe.

Ukuqukumbela, kukho ukusilela komsebenzi onxulumene namanyathelo ekuvunyelwene ngawo kwiikomishoni ngexesha lenkomfa. Nangona kunjalo i-SAFDA ikwiphulo lokuvuselela umsebenzi wokubuyiselwa komhlaba kwakhona kumasimi alima iswekile eNkomazi. Njengendlela eya phambili kukho inkubo ecetyiweyo yokuvuselela ngokutsha komhlaba ecetywayo aphi zonke iikomishini kune namanyathelo anxulumeneyo aya kujongwa kwakhona aze ahoywe kuba ngoku ezinye iiprojekthi ziye zahlengahlengiswa kwaye ngoku zisebenza ngemvisiswano kwakhona. Zonke izisombululo zenkomfa ziya kuhoywa ukuze kuphuculwe ukuzinza kweeprojekthi zokubuyiselwa komhlaba. I-SAFDA Mpumalanga isenomsebenzi omkhulu wokuphucula imbonakalo yokubuyiselwa komhlaba kulimo lwaswekile eNkomazi.



IFUTHE LOKUNYUKA KWAMAXABISO AMAFUTHA KUMAFAMA



Ngexesha lokutyalala ekuqaleni, amafama kuya kufuneka aginye ukonyuka kwamaxabiso amafutha nedizili. Ebudeni benyanga kaAgasti ukuya kuMatshi, abalimi bomoba basebenzisa elixesha ukulungisa umhlabu nokutyalala umoba. Le yinkonzo elungiselelwa ngoomatshini kusetyenziswa iikontraka zasekuhlaleni. Kukho inkxalabo malunga nendlela ukonyuka kwamafutha ekuza kubachaphazela ngayo abanye abantu abakwezolimo.

Amafama omoba athembele kakhulu kwiikcontraka ekuvuneni, ukuthuthwa komoba usuka kumasimi ukuya kwindawo yokulayisha kusetyenziswa iitrektara ezineetreyla zeebhaskithi ezifikelela kwiitonu ezisi-8 ezilayishwa ngesilayishi somoba okanye itreyla yeetonu ezi-5 elayisha ngokwayo. Xa umoba uso thulwa kwindawo yokulayisha emva koko uye ulayishwe kwilori ezitoni ezingama-28 ukuya kwezingama-34 ezithuthela umoba kwindawo yokusila iswekile. Ixabiso ledizili yeyona nto inegalelo kumaxabiso okulayisha ezithi iikontraka ziwabize amafama. Ngalo

lonke ixesha xa ixabiso lamafutha linyuka, iikontraka ngokuzenzekelayo zijonga uqikeyelo lwazo zize ziwayuse ukaze zihlale zishishina, ngaphandle kokutqwalasela ukuba abanye abalimi baza kuchaphazeleka njani kukutshintsha kwamaxabiso.

Kubalulekile ukujonga ukonyuka kwexabiso ledizili nelepetroli ngokudibene nokunyuka kwamaxabiso ezichumisi nemichiza. Ukunyuka kwamaxabiso epetroli kunciphise imida kangangokuba amafama aye anciphisa okanye ayeka ukugawula isityalo sabo, nto leyo ekukugalelwa kwesichumiso nemichiza. Oku kuhokelela ekwehleni kweetoni ezihanjiswayo kwixesha lonyaka elilandelayo. I-tonnage ephantsi ikhokelela kwingeniso ephantsi, imajini ephantsi yengeniso. Ukuze aphile umfama kufuneka anciphise inani labasebenzi basefama okanye anciphise inani leeyureezisetenyenwayongosuku. Umngcipheko owongeziweyo kukuba amafama kufuneka enze uhlahlo lwabiwo-mali lwavo kwangaphambili, ukuba sibona ukonyuka kwamaxabiso amafutha kanye neendleko

zenkunzi, amafama ngexesha lonyaka kufuneka afumane imali ethe chatha yokugcina ishishini, kwaye loo nto inokuba yingxaki kwamanye amafama ethu ukaze aphumelele. ukufumana enye yale mali yokongeza okanye inkunzi ukulungiselela ukonyuka kweendleko zegalelo ngenxa yokungafikeleli kwiikhrayitheriya ezifanelekileyo zokufikelela kwinkxasomali.

Ukunyuka kwamaxabiso amafutha kunefuthe elibi kumafama, iikontraka, abasili, kanye neshishini lilonke kuba ixabiso leMbuyiselo alinyuki ngesantya esifana nesokunyuka kwexabiso ledizili.





E-KZN ulwakhiwo sele luqalile kwezinye iziza zeFPSU. I-FPSU ayisosakhiwo nje kuphela; luhawu lwenkubela phambili, uzinzo, kanye nokuzibophelela okuhlangenyoekuphakamiseni uqheliselo lokulima kwindawo yethu. Ngosuku ngalunye oludlulayo, lusondeza ekubeni kuphunyezwe oku, leyo eya kusebenza njengendawo yokusithela kumafama afuna ukwamkela inguqulelo nokuqhubela phambili iinzame zabo zezolimo.



Kwi-FPSU, ukusungulwa kwezinto ezintsha kuthatha indawo ephambili. Amaziko akumgangatho ophezulu kanye nezihobo zokusebenza zenziwe ngobuchule ukuze zinike amafama izixhobo kanye nolwazi olufunekayo ukuze aphumelele. Nokuba bubuchule bokulima obuphambili, izenso ezizinzileyo, okanye ukufikelela kumathuba amatsha emarike, iFPSU imiselwe ukuba ibe sisibane sethemba kubalimi bethu.





Kwiminyaka yakutshanje, i-SAFDA ibisoloko itshotsh' entla kumalinge ajolise ekuphuculeni imeko yezolimo eMzantsi Afrika. Intsebenziswano yethu neSebe lezoLimo, uPhuhliso lokuBuyiselwa koMhlaba nolwamaPhandle ekuphunyezweni kweProjekthi yeFPSU, ifikelela kuvuthondaba ekuvuselelwensi kweofisi zamafama kwiindawo ezohlukenyokuKomati Malelani. Impembelelo yolu hlaziyo idlulela ngaphaya kophuculo lobuhle; zibonakalisa inkqubela, isithembiso, kanye nesakhono kuluntu lwasekuhlaleni lwamafama.

Li-ofisi ezihlaziyiweyo, eziseWalda, eMfumfane, kwiFigtree C&D, kanye neFigree A, ziye zaba ziindawo ezibaluleke kakhulu kumafama, zibanika indawo efanelekileyo yokucwangcisa, ukusebenzisana, kanye nokufikelela kwizixhobo ezibalulekileyo kwimpumelelo yabo. Iprojekthi yokuhlaziya ayikokulungisa njekancinci ezi ndawo; ibonisa ukuzibophelela ekuxhobiseni amafama asekuhlaleni kanye nokukhuthaza ukukhula kwicandelo elibalulekileyo

lezoqoqosho.

Ngokufikelela kwezi zakhiwo zale mihla, bakuxhotyiselwa ngcono ukujongana nemiceli mingeni eyodwa abajongana nayo mihla le, nokuba lulawulo lwezityalo, ukufikelela kwimarike, okanye ukudityaniswa kobuchwepheshe. Amafama asekuhlaleni akaziboni iiofisi ezihlaziyiweyo njengezakhiwo nje; azibona njengemiqondiso yethemba, ithuba, nenqubela phambili. Ngokufikelela kwezi zakhiwo zale mihla, bakuxhotyiselwa ngcono ukujongana nemiceli mingeni eyodwa abajongana nayo mihla le, nokuba lulawulo lwezityalo, ukufikelela kwimarike,

okanye ukudityaniswa kobuchwepheshe.





Kumboniso womanyano omangalisayo nokuzinikela kuphuhliso lwamaphandle, iSouth African Farmers Development Association (SAFDA) ibambene noSekela Mphathiswa wezoLimo, uBuyekezo lwezoMhlaba, noPhuhliso IwamaPhandle, oHloniphekileyo uMcebisi Skwatsha, ukuqhuba indibano ebalulekileyo yothethathethwano nabachaphazelekyo noMhlaba waseNcora. Amabango kanye nabanye abachapheazeleyo abaphambili eCofimvaba, kuMasipala weNgingqi we-Intsika Yethu.

Ikhokelwa nguSihlalo onombono, uGqr. Madlala, I-SAFDA idlale indima engundoqo ekuqhubeni amalinge ajolise ekukhuthazeni inguqu entle kanye nokukhula okuzinzieleyo kuluntu IwaseNcora. Lo msitho, owawubanjwe ngomhla wesi-5 kuOkthobha 2023, ophawulwe njengesiganeko esibalulekileyo sokuzibophelela kwe-SAFDA kuphuhliso Iwasemaphandleni.

Injongo yale seshoni ibintlu-

mbini: kukuba urhulumente anike ingxelo ebalulekileyo kuluntu malunga nokuhlawulwa kwebango labo lomhlaba kanye nokucwangcisa indlela eya phambilis ekulandeleni amanyathelo afanayo kuphuhliso Iwasemaphandleni. Ubukho be-SAFDA kulo msitho buqaqambise ukuzibophelela okungagungqiyi kwezi njongo.

Njengoko wawuqhubecka umsitho, kwabonakala ukuba intsebenziswano ye-SAFDA nesebe yayingumzekelo wentsebenziswano kanye neenjongo ekwabelwana ngazo.





Sikunye, sizama ukulungisa imiceli mingeni eyayanyaniswa namabango omhlaba kanye nokubeka isiseko sophuhliso esinentsingiselo kuluntu IwaseNcora.


UGqr. Madlala, umthetheleli ongadinwayo wophuhliso Iwamaphandle, uthethe kwiqonga ngethuba lomsitho, egxininisa indima engundoqo ye-SAFDA kwiiprojekthi ezenzekayo kumhlaba ofakwe ibango luluntu IwaseNcora. Ubunkokeli bakhe, umbono, kanye nokuzinikela kwakhe kwakubonakaliswe

ngokupheleleyo njengoko i-SAFDA ithatha inxaxheba ngokukhutheleyo ekubumbeni ikamva loluntu IwaseNcora.

Lo msitho usebenze njengobungqina benjongo ye-SAFDA yokukhuthaza ulimo oluzinzileyo, ukuxhobisa amafama asekuhlaleni, kanye nokuphucula ubomi boluntu IwaseMzantsi Afrika. Njengoko uGqr. Madlala eyibeka ngokufanelekileyo, "Uphuhliso lokwenene alufikelelwangokuzimela kodwa ngeenzame zentsebenziswano ezidibanisa

onke amahlakani. I-SAFDA inebhongo lokubambisana noSekela Mphathiswa Skwatsha kanye nabaFaki Bango boMhlaba baseNcora ukudala ikamva elingcono kolu luntu.

Indima esebezayo ye-SAFDA kulo msitho ubalulekileyo ibonisa ukuzinikela okungagungqiqiyo ekuxhobiseni uluntu loMzantsi Afrika ngophuhliso Iwezolimo namaphandle. Kusikhumbuzo sokuba utshintsho lunokwenzeka xa abantu abanengqondo efanayo bedibana benenjongo nombono ofanayo.



ILETHESETHU FARMING (PTY) LTD IFUMANA UMNIKELO WE-R70 000 KUGQIRHA SIYABONGA MADLALA KWINDIBANO YABALIMI BASEMACAMBINI.



Isekwe ngoJulayi 2016,
iLethesethu Farming (Pty) Ltd
ingumzekelo oqaqambileyo
wobunini bolutsha olumnyama
kunye nokubandakanyeka
okubonakalayo kwicandelo
lezolimo.

Isekwe ngoJulayi 2016, iLethesethu Farming (Pty) Ltd ingumzekelo oqaqambileyo wobunini bolutsha olumnyama kunye nokubandakanyeka okubonakalayo kwicandelo lezolimo.

iLethesethu Farming ivelisa iintlobo ngeentlobo zeemveliso zezolimo eziquka umoba, imifuno, kunye neemveliso zezilwanyana. Ukulinywa komabaylenkampanikwenzeka kwindawo aphi amaqondo obushushu asusela kwidigrizi eziyi-20 ukuya kweziyi-35 ngokuka Celsius, kunye nomjikelo wokukhula omalunga neenyanga ezili-10-18. Ukulinywa kwemifuno kusebenzia iihektare ezi-4 zomhlaba wabo, kugxininiswa kwizityalo ezifana nespinatshi, ipepper, itswele, nomoba. Ngapha koko, iLethesethu ikhulisa iinkukhu zenyama, izikhulisa ukususela kumantshontsho anosuku de alungele ukuthengiswa emva kwesithuba seeveki ezintandathu.

Omnye wemiba ebalaseleyo kwiLethesethu Farming kukuzinikela kwayo kwimfundu nophuhliso lwezakhono. Inkampani ibonelela ngoqequesho Iwasemsebenzini kubafundi abavela kumaziko ngamaziko. iLethesethu inenkolelo engagungqiqi kumathuba alinganayo kunye nomgaqo-nkqubo wengqesho engenalucalulo, eqinisekisa ukuba mfundi ngamnye ufumana amava nezakhono ezipabisekileyo kwiziko labo. Lenalela ikhawulezileyo inegalelo ekukhuleni kolwazi nobuchule





kwicandelo lezolimo.

Unqongophalo IwaManzi kunye noNgenelelo lukaGqr. Siyabonga Madlala

Ngaphambili, iLethesethu Farming yaye yajongana nemiceli mingeni emikhulu yamanzi. Abafundi kwaye kwafuneka bayokukha amanzi kwidama elincinane ukuze bankcenkceshele izityalo,

nto leyo eye yalucelo mngeni ekusebenzeni kwayo kwamihla le. Nakubeni kunjalo, le meko yatshintsha xa uGqr. S. Madlala wayetyelele le fama ukuze abone umsebenzi wabo ophawulekayo. Echukunyiswe kukuzinikela nokuzibophelela kwabo, akazange anele nje ukubancoma kodwa waba nesisombululo esisebenzisekayo kwingxaki yabo yamanzi. UGqr. Siyabonga Madlala

wathembisa ngomnikelo wesisa we-R70,000 kwiLethesethu Farming ukuze kusekwe umngxuma wokutsala amanzi, ukuze kulungiswe ukunqongophala kwamanzi. Impembelelo yeli galelo ayinakungxininiswa ngakumbi, njengokoithembisaukubonelela ngomthombo wamanzi ozinzileyo nonokuthenjwa kule fama.



UKUXHOBISA ISIZUKULWANA ESILANDELAYO: UKUZIBOPHELELA KWE-SAFDA KWIMFUNDU YEZOLIMO



Abafundi beBanga 11 abakhuthazwa kwezoLimo beMandla Mthethwa School of Excellence

I-SAFDA ngokuzingca idibene neKwaShukela Training Center kunye neZiko IoPhando ngoMowa laseMzantsi Afrika (SASRI) ukukhuthaza abafundi bezolimo beBanga 11 beMandla Mthethwa School of Excellence. Injongo yayikukuhlwayela imbewu yolwazi malunga noshishino lweswekile olungamanga ngxi



Ngokuzibophelela ngokungagungqyo ekuxhobiseni isizukulwana esilandelayo sabathandi bezolimo, uMbutho woPhuhliso IwamaFama waseMzantsi Afrika (i-SAFDA) kutsha nje ithathe inxaxheba kwimisitho emibini ephawulekayo eyashiya uphawu olungacimekiyo kwiingqondo zabaselula yaze yahlakulela imvakalelo yethemba nenokwenzeka kummandla wezolimo.





nokuze baqhelane namathuba ezakhono ezahlukahlukeneyo ezibalindeleyo eKwaShukela Training Center.

Kulo msitho uphawulekayo, amalungu abandakanya abasebatsha ezifundisayo nobugocigoci umoba, ekulinyweni kwezityalo ukuya ekuzidluliseleni. lingcali zethu ezinolwazi azizange zicacise nje kuphela isayensi ehlab' umxhelo engokuvveliswa kweswekile kodwa zaphinda yagxininisa ukubaluleka kokuzinza nokusingqongileyo kuqheliselokulima kushishino.

Olu suku lwaluzele yimiboniso ephum' izandla evumela abafundi ukuba bazibonele ngokwabo ukusebenza kunye nobuchule obusetyenziswayo kulimo lomoba. Le misebenzi yonxibelewano ishiye imbonakalo ehlala ihleli neye yavuselela umda kubafundi, abaye bemka benoxabiso ngezinto ezinokwenzeka kwicandelo lezolimo.

Esinye isiganeko esiyе saqaqamba lukhenketho olukhokelwayo eKwaShukela Training Center Apha, abafundi baboniswe ubuchwephesha obusemagqabini kunye nezibonelelo zoqequesho,

eziye zabakhuthaza ukuba babe nombono wekamva eliaqambileyo kwezolimo. I-SAFDA yaye yachulumanca ukuquuzelela eli thuba likhethekileyo lokuba abafundi olu khetho lutyebileyo Iwamakhondo omsebenzi akhoyo kweli candelo, elibabeka endleleni eya empumelelweni.

Ukuthatha inxaxheba kuMboniso weKhondo leMatriki eDumbe kunye neMajuba Mavuso Foundation

I-SAFDA ifumene isimemo esibekileyo kwiMajuba Mavuso Foundation ukuba ithathe inxaxheba kuMboniso weKhondo leMatriki eDumbe. Lo msitho unike iqonga elifanelekileyo le-SAFDA lokukhanyisela abafundi ngamathuba amaninzi nahlukahlukeneyo ezakhono zomsebenzi ezibalindeleyo kwicandelo lezolimo.


Ngexesha lomboniso, amalungu e-SAFDA ebekho ukuze abe nothethathethwano nabafundi, ephendula imibuzo, ebonelela ngesikhokelo, kwaye enikezela ngezimvo malunga nelizwe lezolimo elinika umda nelisoloko litshintsha. Sigxininise kwindima ebalulekileyo yezolimo kuqoqosho loMzantsi Afrika kunye namandla azo ekwenzeni impembelelo entle kuluntu lwasekuhlaleni

nakokusingqongileyo. Ngokuthatha inxaxheba kulo msitho, iSAFDA ijolise ekuvuseleleni umda nokukhuthaza abafundi ukuba bacinge ngekamva kwezolimo. Sikholelwa ukuba ezi ngqondo ziselula, xa zikhuliswe kakuhle kwaye zikhokelwa, ziya kudlala indima ebalulekileyo ekukhuleni okuzinzileyo kwicandelo lezolimo elizweni lethu.

Xa sicinga ngezi ziganeko zimbini zinefuthe, sikhunjuzwa ngokubaluleka kokutyla imali kwimfundu nakukhuthazo lwasizukulwana esilandelayo seenkokeli zezolimo. I-SAFDA ihlala izibophelele ekukhuthazeni uthando lwezolimo, ukufaka ulwazi, kunye nokuvuselela umda kolu shishino lunamandla nolubalulekileyo. Sijonge phambili ekuqhubeke ni namalinge ethu okuxhobisa isizukulwana esilandelayo nokuvula indlela yekamva eliaqambileyo, elinenkqubela engakumbi kwezolimo eMzantsi Afrika.



IXABISO LE-RV LETHUTYANA



Ixesha lika-2023/2024 libe ngunyaka omhle kuShishino IweSwekile. Abalimi bavakalise ulovo oluhle malunga nokunyuka kwamva nje kweXabiso leRV ngexesha lalo nyaka. Ixabiso le-RV lethutyana elihlawulwe ekupheleni kuka-Okthobha 2023 lokuhanjisa komoba ukuya kutsho ekupheleni kukaSeptemba 2023, labhengezwa liyi-R7 457,06 itoni nganye yeRV. Oku kubonise ukonyuka nge-37% xa kuthelekiswa nexabiso lokugqibela le-RV lexesha elidlulileyo (2022/2023). Abona bantu banegalelo ekunukeni kweXabiso le-RV lethutyana ngolu hlobo lulandelayo xa kuthelekiswa namanani eXabiso lexesha lokugqibela le-RV lika-2022/2023:

a) Umkhamo ophezulu wemveliso yomoba uqikelelwya ngeetoni ezingama-553 686;

b) Uqikelelo oluphezulu lwemveliso yeswekile ngeetoni ezingama-121 349,
c) lintengiso zemakethi yasekhaya eyandayo okwangoku ime kwiiton ezingama-762 251 ukususela ngoSeptemba 2023,

d) Ukunyuka kweXabiso likaZwelonke leswekile ecoliweyo nge-14,15% kunye neswekile emdaka nge-13,4% ukususela nge-07 Juni 2023,


e) IMolasses inyuke nge-7% ukususela ngoMeyi 2023,

f) Umlinganiselo wesisindo obuthathaka kutshintshiselwano mali lwe-R/\$ (R19,10 vs R17,41),

g) Umlinganiselo wesisindo esiphezulu No.11 wexabiso lemarike yehlabathi (US28,73c/lb vs. US23,88c/lb),



2023/2024 Season Monthly Provision RV Price



Lo mzobo ungasentla ubonisa umzila wexabiso lethutyana le-RV lenyanga nenyanga ukususela ekuqaleni kwexesha lika-2023/2024 ukuya kuthi ga kuSeptemba 2023.

Iswekile Ethengwa Phesheya

Ukuthengwa phesheya okusemthethweni kweswekile ngumsebenzi wexabiso lehlabathi, utshintshiselwano IweRandi/iDola, kanye nezinga lomsebenzi wokuthunyelwa ngaphandle, efakwe kwigazethi nelindelekileyo. Amaxesha onyaka amathathu okugqibela abone amazinga asezantsi okuthunyelwa ngaphandle kweswekile.

Oku kwenzeke ngendibaniselwano yamaxabiso othintelo ngenxa yezibophelelo zeSicwangciso eziPhambili, amaxabiso aphezulu ehlabathi eswekile kanye neendleko zothutho ezinyukileyo eziye zanciphisa inkuthalo yokuthunyelwa kweswekile. Ukususela ngoSeptemba 2023, inani elipheleleyo leeswekile ezithengwe phesheya kweli xesha (2023/2024) limi kwiitonni ezingama-6 655.



I-SAFDA KWIFORAM YEAGOA YAMA-20



UGq. Siyabonga Madlala,
uSihlalo oLawulayo we-
SAFDA, uthathe inxaxheba
ekhutheleyo kweli qonga,
ethethathethana nababonisi
kunye neenkokeli zoshishino.

IQonga le-AGOA lama-20, ebelibanjelwe kwiZiko leMboniso laseRhawutini eNasrec ukususela ngomhla wesi-2 ukuya kowe-4 kuNovemba 2023, lidibani amahlakani aphambili ukuze kuxoxwe ngekamva loMthetho woHlumo namaThuba wase-Afrika (i-AGOA). Phantsi komxholo othi "INTsebenziswano eKwakheni i-AGOA eNyamezelayo, eZinzileyo neBandakanyayo ukuxhasa uPhuhliso IwezoQoqosho, uShishino kunye nokuDalwa koMgangatho weMisebenzi," eli qonga lijolise ekomelezeni amakhonkco ezoqoqosho nokuphonononga iindlela zokukhula nophuhliso oluzinziphe kwi-Afrika ekwi-Sub-Sahara.

IQonga le-AGOA, elasekwa ngo 2000 phantsi koMthetho woHlumo namaThuba wase-Afrika, lisebenza njengeqonga elibalulekileyo lokukhuthaza intsebenziswano yezoqoqosho phakathi kwe-United States namazwe ase-Afrika afanelekileyo. Inkomfa iququzelela iingxoxo phakathi kwabameli

bakarhulumente, imibutho yezoqoqosho yengiqi, icandelo labucala, imibutho yoluntu, kunye nemibutho yabasebenzi.

UGq. Siyabonga Madlala, uSihlalo oLawulayo we-SAFDA, uthathe inxaxheba ekhutheleyo kweli qonga, ethethathethana nababonisi kunye neenkokeli zoshishino. Okuphawulekayo kolu nxibelelwano kwakuyingxoxo yakhe noJoanmariae Fubbs, iSekela Sihlalo leSouth African Sugar Association (SASA), kunye






nababonisi abavela kwiSwatini Sugar Association, ukukhuthaza intsebenziswano kunye notshintshiselwano ngolwazi kushishino Iweswekile.

UGqr. Madlala wakwathethana noSiphamandla Goge we-ENCA TV ijelo likamabonakude, esikhanyisela ngokubaluleka kwe-AGOA kushishino Iweswekile. UGqr. Madlala wagxininisa ukuba ishishini leswekile, phantsi kwelungiselelo le-AGOA, libonelela ngeetoni ezingama-24,000 zeswekile eMelika. Ukukwazi ukuthengisa eMerika kwenza ukuba abathengisi bafumane ixabiso eliphezulu, elidlula izinga lemarike yasekhaya.

Kusuku lokuggibela Iweli qonga, uMphathiswa kwi-OfisiyokuMongamelayabaseTyhini, yoLutsha kunye naBantu abanokuKhubazeka boMzantsi Afrika, oHloniphekileyo uNkosazana Dlamini-Zuma, utyelele iqonga lemiboniso ye-SAFDA. Oku kubonelele ngeqonga lengxoxo emfutshane kodwa evule ingqondo phakathi koMphathiswa nababonisi be-SAFDA, eqaqambisa ukuzibophelela kombutho ekubandakanyekeni nasekuxhobiseni abantu.

Njengoko i-AGOA isondela ekuphelelweni kwesicwangciso sayo ngo-2025, iqonga leengxoxo lithathe ithuba lokubonisa ngamabali aye ayimpumelelo, alungisa imiceli mingeni ekuthinteleni ukwahlukana kwecandelo lokuthunyelwa kwangaphandle, laza laxoxa ngeendlela zokuphucula ukusetyenziswa kwe-AGOA. Ukwandiswa okunokubakho kwe-





ACOA ngaphaya ko-2025 kubonwa njengento ekhuthaza ukwanda kotyalo-mali e-Afrika, okuxhamlisa i-United States kunye namazwe ase-Afrika ngokufanayo. Ukwandiswa okunjalo kuya kuxhasa noMmandla weLizwekazi lase-Afrika ongaHlawuliswayo kuRhwebo (i-AfCFTA), ogubungela amazwe ayi-54 kunye nabantu abazibhiliyoni ezi-1.4.

Ukuqukumbela, ukuthatha inxaxheba okusebenzayo kwe-SAFDA kwiQonga le-AGOA lama-20 kubonisa ukuzibophelela kwayo ekuqhubeleni phambili umda wamafama aseMzantsi Afrika kunye nokuba negalelo kupuhhliso loqoqosho ngokubanzi kulo mmandla. Njengoko iingxoxo ziqhuba, ingqalelo ibisoloko ikulwakhiwo lwe-AGOA exhathisayo, ezinzileyo, nebandakanyayo ekhuthaza ukukhula, ushishino, nokudalwa kwemisebenzi esemgangathweni.

